

# Nuwe Aanstellings/New Appointments



**Franklin Frans**
Internal Audit




**Elvida Beukes**
Secretary, Clerk:
Human Resources



**Bernard Monray Cornelius**
Handyman:
Fleet Management



**Chane Erick Davidson**
Traffic Officer



**Clint le Roux**
Deputy Director:
Finance



**Thembelihle Malinga**
LED Officer

## UNYUSELO UKUSUKELA NGOMHLA 1 DISEMBA 2008

| | |
|---|---|
| Shaun Moses | Uphathi Kwezoqoqosho noPhuhliso lwasemakhaya; ebengumsebezi kwicandelo lwezindlu |
| Heinrich Stemmet | Umlawuli womtshini: Kwiparks (Kleinmond); ebengusebezi nje |
| Melvin Oliphant | Umsebenzi owenza umsebenzi ohlukileyo: Kwezobuxhakaxhaka (Gansbaai); ebengumcedisi |
| Mark le Roux | Nutsman: Kwezobuxhakaxhaka (Gansbaai); ebengumcedisi |
| Xolisile Nqoza | Umsebenzi owenza konke: Kwezobuxhakaxhaka obulungiswayo (Gansbaai); ebengumcedisi ; ebengumcedisi |
| Elize E Hess | Senior Klerk: Kwezobuxhakaxhaka ; ebengunobhala /Clerk Gr1 |

# ABAZALWA KWINYANGA KA FEBHUWARI

| NAAM/NAME | DAY/DAG | DEPARTEMENT/DEPARTMENT | DORP/TOWN |
|---|---|---|---|
| BALA NKOSINATHI | 2 Feb | Ezokhuseleko. | HERMANUS |
| BURGER PETER | 2 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| LAKEY DESMOND | 2 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| MAFILIKANA ZAMILE | 2 Feb | Isebe Lomphathi Kamasipala | HERMANUS |
| PHILANDER FRANCINA | 2 Feb | Isebe Lomphathi Wengingqi | HERMANUS |
| SCHOEMAN GERT | 2 Feb | Isebe Lomphathi Wengingqi | HERMANUS |
| BLOCK SYLVIA | 3 Feb | Ezezimali | HERMANUS |
| FIGAJI L LESLIE | 3 Feb | Isebe Lomphathi Kamasipala | HERMANUS |
| MAREE SHANTAL | 4 Feb | Ezezimali | HERMANUS |
| OOSTHUIZEN DAAN | 4 Feb | Uceba | HERMANUS |
| SWARTZ GODFREY | 4 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | KLEINMOND |
| WILLIAMS NA | 5 Feb | Ezokhuseleko. | HERMANUS |
| OCTOBER ALLAC | 5 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | KLEINMOND |
| BOTO BULELANI | 6 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| ZWENI NOLUTHANDO | 7 Feb | Ezonxibelelwano | HERMANUS |
| MLIMISI THEMBEKILE | 8 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | GANSBAAI |
| ADAMS STEPHEN | 8 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| DLONGWANA MALUSI | 8 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| GOOSEN LOUMORE | 8 Feb | Ezezimali | KLEINMOND |
| VAN HEERDEN LOUIS | 9 Feb | Uceba | HERMANUS |
| KAPOT JACOBS | 9 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | STANFORD |
| KOERT ANNA | 10 Feb | Ezezimali | GANSBAAI |
| MOSS TOTO | 10 Feb | Ezokhuseleko. | GANSBAAI |
| SIEBRITS SONJA | 10 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | GANSBAAI |
| CHOMA ANNIE | 10 Feb | Ezokhuseleko. | HERMANUS |
| WILLIAMS JANELLE | 10 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| HULL GERTRUDA | 10 Feb | Isebe Lomphathi Wengingqi | KLEINMOND |
| MBOVANE SINDISILE | 11 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| PHILLIPS ARTHER | 11 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| MNQODOLO LUKHANYO | 11 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | KLEINMOND |
| BEYLEVELDT THEO | 12 Feb | Ezezimali | HERMANUS |
| SIKENJANA WISEMAN | 12 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| VISSER ANNELIZE | 12 Feb | Uceba | HERMANUS |
| VAN EDEN GAMMAT | 12 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | KLEINMOND |
| MYBURGH FRANCOIS | 13 Feb | Isebe Lomphathi Wengingqi | GANSBAAI |
| RUST RIAN | 13 Feb | Ezezimali | HERMANUS |
| KUTU MABOYS | 14 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | GANSBAAI |
| SOLOMONS JACOBUS | 14 Feb | Isebe Lomphathi Wengingqi | HERMANUS |
| GELDENHUYS SHARMAN | 15 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | GANSBAAI |
| MTSHA XOLANI | 15 Feb | Isebe Lomphathi Wengingqi | GANSBAAI |
| KWEZI (NEE MUNGU) PHILLIP | 15 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| MGANISI MBIZO | 15 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| OLIVIER DERINE | 15 Feb | Isebe Lomphathi Wengingqi | HERMANUS |
| W KARELSE | 15 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | KLEINMOND |
| KLAASE RHONA | 16 Feb | Ezezindlu | HERMANUS |
| SLABBERT JOHANNES | 16 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| M THENGO | 16 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| BALA ANDILE | 18 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| MBIZO LUDIDI | 18 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| N HENDRICKS | 18 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| NYANGIWE JONGINQABA | 18 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | KLEINMOND |
| HENDREK DUMI | 18 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | STANFORD |
| PIETERS DAVID | 19 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | GANSBAAI |
| PHARO ELIZA | 19 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| TEBELE SIMPHIWE | 20 Feb | Ezezindlu | GANSBAAI |
| SALIES RONEL | 20 Feb | Isebe Lomphathi Wengingqi | HERMANUS |
| APPEL RICKUS | 20 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | KLEINMOND |
| ADRIAANSE HEATHER | 21 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| NDUDU M | 21 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| WYNGAARD ANVER | 21 Feb | Isebe Lomphathi Wengingqi | HERMANUS |
| VAN EEDEN LOUISA | 21 Feb | Ezezimali | KLEINMOND |
| PIETERS DANIEL | 22 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | GANSBAAI |
| ADAMS DAPHNIE | 23 Feb | Ezezindlu | HERMANUS |
| GERT SMITH | 23 Feb | Isebe Lomphathi Wengingqi | HERMANUS |
| MAY NICO | 24 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | GANSBAAI |
| TYHALA CAROL | 24 Feb | Ezezimali | HERMANUS |
| JOHAN VAN TAAK | 24 Feb | Management Services | HERMANUS |
| KHALA PHUMZILE | 25 Feb | Ezokhuseleko | HERMANUS |
| MONKI NDAMSE | 25 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| WILDSCHUT CLAUDE | 25 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| C. DAVIDSON | 25 Feb | Ezokhuseleko | HERMANUS |
| BARENDS GREGORY | 26 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| J THEUNISSEN | 26 Feb | Operational Services | HERMANUS |
| SIYOTHULA SIPHO | 26 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | KLEINMOND |
| HENDRICKS FLORENITA | 27 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| SCHOLTZ RICHARD | 27 Feb | Isebe Lomphathi Wengingqi | HERMANUS |
| SMITH JOSEPH | 27 Feb | Ezezindlu | KLEINMOND |
| MAYIPHELI PHUMZILE | 28 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | GANSBAAI |
| MAYILE MABEL | 28 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| MBALI NDABIHLILE | 28 Feb | Inkonzo Eziqhubekayo | HERMANUS |
| TITUS CAROLUS | 28 Feb | Isebe Lomphathi Wengingqi | HERMANUS |



Overstrand Personeelblad/Staff Newsletter

Phambili!
Vorentoe/Forward

Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

Indaba 2/2009 Febhuwari 2009

## INQAKU LOMHLELI

### Akukho namnye udinwayo kukutefiswa

*Sekulithuba sagqibela ukutefisa abo sibathandayo. Mhlawumbi ukhe watefisa umntu ngeKrisimesi yoDisemba ophelileyo. Akukho namnye umntu oke adinwe kukutefiswa ngakumbi ngosuku olufana neValentine's Day.*


*Umhla we-14 Febhruwari yiValentine's Day, into ethetha ukuba sinika abo sibathandayo into emnandi, umyalezo wothando, okanye ibhokisi enkulu yeetshokolethi emilise okwentliziyo, kodwa ke sobabini siyazi ukuba okugqibelelisayo bubushushu bothando olumangalisayo emazantsi entliziyo, kulo nyaka, nokuba unedinga elishushu okanye akunaqabane (njengam) ndikuthumela lonke uthando lwam, imbilini yomphefumlo, nengubo yothando, ndisazi nje ukuba uyafuna ukubuva ubungangamsha nexabiso lomntu onguye, zikhona okanye ziingekho iiswiti eziluphawu lothando. Oku kuza kukunceda ukuba ubonise uthando kule nyanga!*

*Kubo bonke abathandanayo abathe bamanyana ngeqhina lomtshato kwinyang ka Disemba- sibanqwenelela impumelelo. Sininqwenelela ukuphumla ngesigqibo enithe nasithabatha. Imitshato yenu inizisele konke okuhle.*

*Sinika ingqalelo intsebendziswano nenxaso yeBhunga kunye nabaphathi kwinzame zokusimanyana singabasebenzi nagakusazisa ngemithetho nolawulo olutsha. Yinto entle esenza sibenomoya omye nolwazi macala.*

*Sithe sathatha isigqibo sokuthi sikwazise ngeminye yalemithetho, kwi phepha lesi 2. Thabathela ingqalelo lomthetho uthathe ixesha lakho ukuwufunda wazise nabanye ukwenzela wazi ngenkqubo kwindawo osebenza kuyo.*

*Ukweza sicedane ukwazana nokunyamezelana kuthe kwabekwa umhla wama 21 nama 22 ka Febuwari ukuthi kudityanywe iququzelewa yi CANSA. Amaqela akuthi adibane emliweni wokutshisa inyama onwabile. Nakufumana ithuba lokuncokola ninekezalane ngamacebiso. Ndiyathemba ukuba nokweza konke okusemandleni ukwenza lendibano ibenempumelelo.*



*Noluthando Zweni*
*Editor*



**ABAJONGI LANGA:** Ngomvulo kusa abantu abaninzi abakwazanga ukuzilungisele ngexa basiya emisebenzini ukwazi ukujonga ilanga litshona akancinci emini. Ngethamsanqa ezoziphuzo zakusasa zeti ezishushu ziye zazisa uncedo.Iphepha elo lingaphakathi kwesikhuselo sengxhowa yeti bezikwazi ukusetyenziwa ekojongeni lombono ngaphandle kokuziphanyaza amahlo. Uceba Pieter Scholtz (esiphakathini), Ilungu lekomiti kaSodolophu kweze Mali, Henk Kleinloog (ekunene), UDirektor: Kwezemali kunye no Alischia Theron (ekhohlo), Iclark kweze Nkqubo zenkonzo, basebenzise lentlobo ukujonga ilanga xalitshona kancici emini ngoMvulo umhla wama 26 ka Janawari 2009 beme kwisakhiwo seBhunga le Overstrand e-Hermanus apho bebeqwalasele idolophu kakuhle.

# UKUNYUKA KWENGENISO NOMVUZO ZISESITHEBENI SEENGXOXO KWAKHONA

Uthetha-thethwano olunzima lwengeniso nomvuzo luza kwenzeka kuFebhruwari phakathi koSALGA nemibutho emele abasebenzi ngemvume yeBhunga leeNgxoxo zothetho-thethwano kuRhulumente weNqila (South African Local Government Bargaining Council - SALGBC).

UMbutho waBasebenzi bakaMasipala eMzantsi Afrika (South African Municipal Workers Union -SAMWU) noMbutho oziMeleyo kaMasipala noHlanganisiweyo waBasebenzi kwezoRhwebo (Independent Municipal and Allied Trade Union -IMATU), sisibini semibutho yabasebenzi esaziwa ngokusemthethweni licandelo looMasipala. Xa ihlanganisiwe le mibutho mibini yenza ama- 90% kuma-200 000 abantu abaqashwe ngurhulumente wenqila. Iziphakamiso eziyenzileyo le mibutho zilindele ukumanyelwa nguSALGA oza kukupha impendulo yazo phakathi kufebhruwari.

Ingxoxo zothetha-thethwano kumjikelo wokuqala ziza kuqala ngomhla wama-26 nowama-27 kuFebhruwari, kumjikelo wesibini ngomhla wama-30 nowama-31 kuMatshi, kumjikelo wesithathu phakathi kuApreli.

Ezi ziingxoxo zokuqala zothetha-thethwano olunzima ukususela kwisi-Vumelwano soNyuso lweNgeniso noMvuzo esasayinwa ngomhla wama- 20 Juni 2006 nezathatha iminyaka emithathu. Kulapho amaqela aye avumelana ngokunyuswa kwexabiso lemali yentengo kwizinto ezingundoqo.

Kunyaka ophelileyo ixabiso lemali yentengo belinyuke nge-15%, kodwa kutsha nje lehla ngenxa yokuthotywa kwexabiso lamafutha nenzala yemboleko.

Emva kweengxoxo zokufumana isisombululo, le mibutho mibini yabasebenzi yenza uluhlu oluhlanganisiweyo lweemfuno ezijolise kwimbuyekezo yokulahlekelwa yingeniso yonyaka ophelileyo ngenxa yonyuso lwemivuzo olungaphantsi kwexabiso lemali yentengo nokufiphala kukaSALGA ekuqaliseni inkqubo yokuhlola umsebenzi owenziwayo.

Ingxelo kumthombo weendaba iqhuba ngolu hlobo: "Abasebenzi abaninzi bazivile iziphumo zokunyuka kwamaxabiso entengo, amaqondo aphezulu emali-mboleko, ukuxhuma kwamaxabiso ezindlu, amaqondo aphezulu entswelo-ngqesho, ngeli xesha icandelo loo masipala linabaqeshwa abasisibini esithathwini nje kuphela. Xa uthelekisa nenani elipheleleyo labaqeshwa ngo-1994 isibini esithathwini kukuvala ngobhontsi. Abasebenzi kusafuneka bakhululwe kwidyokhwe yokuwa kwexabiso lemali ehlabathini.

"Ngenxa yobunzima obenziwa kukudityaniswa kwezi ngxaki zingentla xa zizonke, imibutho yabasebenzi inoxanduva lokufaka iimfuno egameni lamalungu ayo, ezenziwa koku kulandelayo:

- Uchatha wama-26% okanye ama-R3 150 elunge kumsebenzi ngamnye;
- Umvuzo ongama-R6 500 ubuncinane;
- Imali encedisa kwiNtlawulo yendlu yebhanki esekwe kuma-R 400 000 emali- mboleko ;
- Imali encedisa kwiNtlawulo yeRenti kangangama-70% emali epheleleyo yerenti ukuya kutsho kuma-R 4 000 ubuninzi ngenyanga;
- Ukuvalwa kwazo zonke izithuba ezingenabantu kwitshati evunywe ngokusesikweni phambi komhla wokuqala kuJanyuwari 2010 kwizithuba zomsebenzi wantsuku-zonke nezomsebenzi osisigxina; ukuquka
- Ukurhoxisa kukaSALGA ekuthatheleni amabhunga amanyathelo enkundla ukuze angakwazi ukuqasha amalungu estafu kwizithuba zethutyana ezikumgangatho ongaphantsi kwesekela lomphathi kamasipala."

Imibutho yabasebenzi iyakholwa ukuba umjikelo wesithathu wengxoxo zothetha-thethwano uza kuba ngonzima, kodwa ikholelwa kwinto yokuba inguqu kwindlela yokuhanjiswa kweenkonzo ingenzeka kuphela ngokuhlawula isitafu sikamasipala imivuzo encumisayo, ngokuvala izithuba ezingenabantu nokuthoba iindleko ezenziwa ngababaphathi abaphezulu.

Uphambili uza kuhlala ekwazisa ngeentshukumo zikaSALGA nangenkqubela yeengxoxo zothetha-thethwano.

# UKUPHUCULWA KWEZAKHONO ZABANGCAMBAZISI "ABATSHUTSHISI" NABAHLALI-NGAPHAMBILI

Amaqela amathathu abasebenzi bakamasipala angenele izifundo zokuphucula izakhono zawo njengabangcambazisi (abatshutshisi) nabahlali-ngaphambili kwinkundla yezoluleko nokuviwa kwezityholo kwisebe lezobulungisa. Izifundo zazijolise kubaphathi abaphezulu. Abo babengenele izifundo bafumana ukwazi nokuqonda nzulu ngemithetho neenkqubo ezinokulandelwa xa kumanyelwe izityholo kwinkundla yezoluleko.

Ezi zifundo zaziqhutywa nguJacques Buitendag osuka e-SA Employment Law Services CC eStanford, ukususela ngoMvulo we-19 ukuya kutsho ngoLwesithathu wama-21 kuJanyuwari 2009, ukususela ngoMvulo wama-26 kuJanyuwari ukuya kutsho ngoLwesithathu wama-28 kuJanyuwari nangoMvulo umhla we-2 kuFebhruwari ukuya kutsho ngoLwesithathu umhla we-4 Febhruwari.

Kwagxininiswa kakhulu kwimithetho ephambili yobulungisa xa kuthathwa izigqibo zoluleko njengoko iziphumo zokumanyelwa kwezityholo zibanemiphumela ebuhlungu kwikamva lomqeshwa kuloo mbutho alilungu lawo. Le miphumela ikwanjalo nakwinkampani emqashileyo njengokuba iziphumo zembambano zingaphela zigqitywa kwiNkundla yezeMisebenzi.

Iinkalo ekwakujoliswe kuzo ziquka ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, ukungaphangeli ngaphandle kwesicelo esingummiselo, ukuphelelwa ngamandla umzukusebenza kakubi nokungabinampilo.



*Abo babengenele izifundo zokuqala kumgca ongemva ukusuka kwingalo yasekhohlo: nguJacques Buitendag (Umniki-ngxelo), nguDirk Swart, nguStephen Drury, nguJaap Grobler, nguChris Harding, nguFrancois Bruwer, nguJamie Klem, nguHenk Franken, nguJohan Potgieter; ukuze kumgca ongaphambili ibe : nguStephen Williams, nguChristo Diedericks, nguEvian Smith, nguAndrew Theunissen, nguPaul De Villiers, nguJohan Klem, nguDanny Phillips kunye noLlyle Tait.*

# Hlangabeza uSekela Mlawuli kwezeziMali



Imvelaphi kaClint Le Roux onguSekela Mlawuli kwezeziMali iseKapa eStrandfontein. Wathweswa isidanga seB.Com Accounting yiYunivesithi yaseNtshona Koloni kwaye unesitifiketi kuCwangcisomali (Accounting), awasifumana kwiYunivesithi yaseNatal. Emva kokuba efumene isidanga sakhe se B. Com Accounting, waqashwa eKapa njengoMphicothi zincwadi zemali. Ngexesha esenza lo msebenzi ngo 2005 -2006, waphicotha iincwadi zemali kamasipala wethu ehleli eHermanus iiveki ezintathu. Kulapho waqalisa ukubanomdla ngommandla nangokusingqongileyo. Emva kokuba eyishiyile i-Auditor General, wasebenzela iSebe lezeziMali eKapa njengoMcwangcisi-mali ukususela ngo2007-2008. Wasishiya esi sikhundla ngoDisemba 2008 waza kusebenza kuMasipala wase-Overstrand.

Waqalisa ukusebenzela umasipala ngomhla woku-1 kuJanyuwari 2009. UClint uzithanda kakhulu izifundo zocwangcisomali kwaye ukholelwa ukuba maninzi amathuba kule nkalo yezifundo. Ukholelwa ukuba xa ugqibe izifundo zakho kule nkalo yezifundo umsebenzi akuwukhangeli koko umsebenzi ukhangela wena. Yiloo nto kanye eze kumbeka apha namava nje angephi. UMlawuli: kwezeziMali uHenk Kleinhoog wathi unezicwangciso ezikhulu azibekele iSekela lakhe. Uza kumbandakanya aqhube iiprojekthi kwezezimali. Kungoku nje isebe limaxhaphetshu ngumsebenzi webhajethi, uClint uza kusebenza ngokuthe nqo nenkcitho njengoko beza kuqalisa ukusebenza ngebhajethi. Uza kusetyenziswa ekuqulunqeni ibhajethi kwiofisi yebhajethi enze izigqibo ngoluhlu lwamaxabiso neenkqubo eziza kusetyenziswa.

UMlawuli: kwezeziMali uyayamkela into yokuba lo asingomsebenzi uza kugqitywa kwiinyangana nje ezimbalwa kodwa unenkolo yokuba intshisakalo nokuqiniseka akubonisileyo uClint kudliwano-ndlebe iya kusetyenziswa ngokufanelekileyo kwezezimali.

Uclint uthanda ukudlala igalufa ngexesha lokubasekhaya kwaye uyazithanda neekhompyutha. Lisoka kodwa akajonganga kuzimanya okwangoku.

# USALGA UYAVUMELANA NEMIGAQO EMITSHA YEBHUNGA

Uthotho lwemigaqo emitsha kwizibonelelo zoluntu ngokwamkelwa liBhunga ngoNovemba 2008 nalo lwaxoxwa neQela loPhuhliso lweZibonelelo zoLuntu elinguMbutho phantsi koRhulumente weNqila eMzatsi Afrika (South African Local Government Association's Human Resource Development Group), kwintlanagniso eyayibanjwe ngomhla wama-25 kuJuni 2008 kwiiofisi zikaSALGA eKapa.

Eli qela layixhasa le migaqo mitsha njengebalulekileyo ekulawuleni umbutho kwaye iza kuthintela okanye inciphise ungquzulwano olunokubakho phakathi kwabaphathi. U-SALGA naye waneliseka kukulandelwa kwesikhokelo sakhe ngoomasipala.

Ezi zinto zaquka iinkqubo ezingokuzaneka kwiSithebe seengxoxo zeSebe lezeMisebenzi kwiNqila nalapho imibutho yabasebenzi ithatha khona inxaxheba.

Le migaqo ilandelayo yamkelwa kwaye iyafumaneka kwiSebe leZibonelelo zoluntu ukuze nabani azifundele:

1. Ubulungisa kwezeNgqesho
2. UkuGaya nokuQesha
3. iHIV / iAIDS
4. Ukungabinamandla / Ukwaphuka kweMpilo
5. UkuNcwasa ngokweSondo
6. Ukutshaya
7. Ukusebenzisa iziyobisi
8. Ukucwangcisela umhlalaphantsi
9. Ukuhlala ungaphangeli
10. Izinxibo zezikhuseli ezifanayo

# MASINCEDANENI!

UPhambili uza kuthi sisakubakho isithuba ayifake loo micimbi phantsi kwesihloko esithi "izaziso ezixubeneyo". Kuza kuthathwa isaziso esifike kuqala ukuze sisakuzala isithuba ezishiyekileyo zifakwe kwelilandelayo iphepha.

Nxibelelana noNoluthando Zweni ku-8911 okanye nge-imeyile wenze amalungiselelo.

**IFLETHI EQASHISAYO**
Iflethi eligumbi elinye iyaqeshisa ukususela ngoFebhruwari 2009. Intlawulo yamanzi nombane zidityanisiwe li-R 1 800 ngenyanga. Indawo ekuyo kuse-Sandbaai, Main Road. Qhagamshelana noLucinda kule nombolo 072 217 1851 (yeselula) 028 313 8120 (yomsebenzi)






# UVUYO NO SIZI

## Intsimbi zomtshato ngenyanga yehlobo

Ibingekho ngaphantsi kwesine imitshato kwamasipala kunye nesithembiso sokuzimanya ngo Novemba nango Disemba kunyaka ophelileyo. I-Phambili yabelana nani ngovuyo ikwanqwenela bonke abazimanyileyo imitshato enempumelelo. Ayibi luthando nokufumana intyatyambo kuphela emtshatweni ngamaxesha onke, maxawambi akubimnandi kodwa ekugqibeleni kuhle ukuba nomlingani wokuncokola ngokuhle nokubi. Ungabuza ku Neville Micheals obesandula ukubanesikhumbuzo sokutshata ngo mhla wesi 2 ku Febuwari etshatile. Sikunqwenelela okuhle.



Zingani & Nomie

**ABALINGANE BE-OVERSTRAND:** U-Zingani Tshefu, igosa lomthetho e-Gansbaai nase Stanford, kunye no Nomie Mlindazwe, osisandla sasekunene se Diretcor Yophuhliso Loqoqosho, bathe ngomhla wama 25 ka Novemba 2008, benza isithembiso sokuzimanyana ngeqhina lontshato kwi Hotele i-Marine e-Hermanus. Umtshato uyakuqhubeka ngo Disemba kulonyaka. Isuku alika bhengezwa.

**UMTSHATO WEPLASI LEWINE:** U-Anver kunye no Cheslin Petersen-Wyngaard bathe ngomhla wesi 6 ku Disemba 2008 kwi plasi i-Spookfontein e-Hemel-en-Aarde-valley bazimanyana geqhina lomtshato. U-Anver lisekela lolawulo nkqubo le Director Kwinkonzo zasekuhlaleni abe u-Cheslin esandula ukuqeshwa njengamququzelei kuMbutho wezoKhetho kwi sebe lase Hermanus.



Anver & Cheslin




Marius & Leandra

**IMINQWENO EBALASELEYO:** U-Leandra Minnaar (obengu Van der Merwe ngaphambili), i-clark kurhafo kunye neempepha zokuqhuba iziithuthi, uthe wazi manyana no Marius ngomhla wama 22 ku Novemba kulonyaka udlulileyo. Umtshato uye waqhutyelwa kwi cawa yase St Peters e-Hermanus.

**OLONCAMISO, OLONCAMISO:** U-Velia (obengu Marais phambili),i-clark kwicala locendo lwabantu, uthe ngomhla wama 29 Ku Novemba wazimanyan geqhina lomtshato kunye no Abrie Bucchianeri e-Hermanus. Bazana besengabantwana kondwa uthando luthe laqala "e-College" apho waba ngumfana wokuqala othe wamcamisa. "Oloncamiso luthe landisusa ngaphantsi kwenyawo zam elithe landithatha iminyaka eliqela ukuthi ndi 'recover'," utsho xa ebalisa.



Abri & Velia



Marius & Surita

**IMINYAKA MITHATHU IDLULILE:** U-Marius Hendricks, igosa lomthetho eliphezulo kunye no Surita Adams, obeququzela kwinyanga ka Disemba kwindawo yokuqubha entsha, bathe bazimanyana ngeqhina lomtshato kwi cawa yase St Peters e-Hermanus. Sebesazana iminyaka emithathu.

## YINTOMBAZANA!



Utammy Moosa, ongumamkeli weendwendwe kwiofisi kaSodolophu, ubeleke isiqum-qum sentombi ngomhla we-16 Disemba 2008. Simnqwenelela okuhle ngosana lwakhe oluyintombazana. Siyathemba ukuba uIsabella uza kuzisa ulonwabo nomanyano kusapho lwakhe.

## Uvelwano kunye no Marius

I-Phambili yeza ilizwi lemvelwano kunye no qhirha Marius Venter umphathi ophezulu we Qumrhu Loqoqosho lwe-Overstrand (OLEDA), othe waswelekelwa ngumtakwabo u-Dion ngomhla wama 30 ka Janawari 2009 ngokunikezela kwentliziyo. U-Dion obeneminyaka engama 41 ebengumzobi ku Masipala wase Goli, ushiya inkosikazi, abantakwakhe ababini kunye nodade wakhe.


## amandla eentyatyambo

Njengokuba sonke sisazi, le yinyanga yokuthumela abo sibathandayo izipho ukubonisa indlela esibathanda ngayo nesibakhathalele ngayo. Esinye sezona zipho sithandwa ngabasetyhini ziintyatyambo. Ebantwini abaceba ukuthumela iintyatyambo kwabo babakhathaleleyo, nanga amanqaku abanokuwasebenzisa xa be-odola iintyatyambo:

- Ukwazisa umthengisi weentyatyambo ngeenjongo zokuthenga isipho esiziintyatyambo— i-anivestile (isikhumbuzo somnyaka) okanye umyalezo wovuyiswano— kunika umthengisi weentyatyambo ithuba lokuba acebise ngesona sitayile sifanelekileyo.
- Chaza ukuba uzabele malini kwibhajethi ukuze umthengisi weentyatyambo akhethe iintyatyambo nobukhulu bazo ngokwesabelo sazo kwibhajethi.
- Ukuba uyayazi indalo yobuntu balowo uza kwamkela isipho, masithi liqhaji, ngumntu ophilela uthando, okanye yingqondi, xelela umthengisi weentyatyambo kuba loo nto iza kunceda ekukhetheni indlela emasenziwe ngayo isitayile.
- Ukuba iintyatyambo zezemini ethile, njengeziza kutsala amehlo kumgcobo wesidlo sangokuhlwa, okanye indawo ekhethekileyo njengeyokwamkela abantu kwinkampani yakho okanye igumbi leentlanganiso zabaphathi, yichaze indlela elinxityiswe lahonjiswa ngayo igumbi kumthengisi-zintyatyambo.
- Okokugqibela kubalulekile noko, phambi kokuba utsalele umthengisi-zintyatyambo umnxeba, qiniseka ngokuchaneka kolwazi oza kumnika lona ngokuphathelele kwiadresi eziza kuyo nexesha, igama elipheleleyo lalowo uza kuzamkela, nekhadi lomyalezo.

Ndiyathemba ukuba la manqaku aza kunceda ukuba uthumele iintyatyambo nemiyalezo eyiyo kwabo ubathandayo.

## ULOYISO



Intombi kaSylvia Block, enguKristen, ithweswe isithsaba njengentshatsheli yomdibaniso kukhuphiswano lwangaphakathi lweembaleki eHermanus Primary School ngomhla wama-30 Janyuwari 2009. Waphumelela ihigh jump ne-50m sprint, wakwindawo yesibini kwishotput ne-100m sprint, wakwindawo yesithathu kwidiscus. Wathabatha inxaxheba nakwirelays nejavelin.

## UMDLALI OBALASELEYO



Intombi ka Rozella Fisher u-Gabby uyewachongwa njengomdlali we Victrix Ludorum kwiqelaa labancinci e-Hermanus High school kwi midlalo ibibanjiwe ngo lwesiHlanu umhla we 30 Januwari. Uphumelele umdlalo obizwa ilong jump obude bu 100m ne 200, kunye ne javelina kwicandelo lentanga zakhe kwaye ebengomnye weqembu ebelibaleka irilayi eliphumelele phambili.